## IMIYALELO NENGCACISO

1. Funda le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uqalise ukuphendula imibuzo.

2. MUSA ukuzama ukufunda lonke iphepha lemibuzo. Yiya kwiphepha lesiqulatho elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo uze ukhethe leyo ufuna ukuyiphendula.

3. Eli phepha linamaCANDELO amaNE:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Inoveli | (35) |
| ICANDELO B: | Idrama | (35) |
| ICANDELO C: | Amabali amafutshane | (35) |
| ICANDELO D: | Isihobe | (35) |

4. Phendula imibuzo emiBINI kumacandelo amaBINI, ngolu hlobo:

   ICANDELO A: INOVELI
   Phendula umbuzo kwinoveli oyifundileyo.

   ICANDELO B: IDRAMA
   Phendula umbuzo kwidrama oyifundileyo.

   ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE
   Phendula imibuzo esetwe kumabali amafutshane omaBINI.

   ICANDELO D: IMIBONGO
   Phendula imibuzo esetwe kwimibongo yomiBINI.

5. Sebenzisa itshekhlisti ukuzincedisa.

6. Landela imiyalelo esekuqaleni KWECANDELO NGALINYE ngononophelo.

7. Nombola iimpendulo zakho kanye ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

8. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

9. Sebenzisa imizuzu engama-60 KWICANDELO NGALINYE.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## IPHEPHA LESIQULATHO

Eli phepha liza kukunceda ukwazi ukukhetha imibuzo ofuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

| **ICANDELO A: INOVELI**<br><br>**Phendula NAWUPHI umbuso OMNYE okwinoveli oyifundileyo.** | | |
|---|---|---|
| **INANI LOMBUZO** | **AMANQAKU** | **IPHEPHA** |
| 1. *Kusa Kusihlwa* | 35 | 5 |
| | | |
| 2. *Umqol'Uphandle* | 35 | 7 |
| | | |
| 3. *UMonwabisi* | 35 | 10 |
| **ICANDELO B: IDRAMA**<br><br>**Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE okwidrama oyifundileyo.** | | |
| 4. *Ndiyekeni* | 35 | 13 |
| | | |
| 5. *Inzala YamaRhamba* | 35 | 16 |
| **ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**<br><br>**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kumabali amafutshane.** | | |
| 6.1 'Ndakuyicela ivuthiwe' | 17 | 19 |
| | | |
| 6.2 'Itutu laseTikitiki' | 18 | 20 |
| **ICANDELO D: ISIHOBE**<br><br>**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kwimibongo.** | | |
| 7.1 'Imbongi' | 18 | 22 |
| | | |
| 7.2 'Unjingalwazi PT Mtuze' | 17 | 23 |
| | | |
| 8.1 'Funzela enzulwini' | 18 | 25 |
| | | |
| 8.2 'Intaba kaNdoda' | 17 | 26 |

## ITSHEKHLISTI

**QAPHELA:** Phendula imibuzo EMIBINI kumacandelo amaBINI.
Phawula (√) amacandelo owakhethileyo.

| ICANDELO | IINOMBOLO ZEMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDU-LWAYO | PHAWULA (√) |
|---|---|---|---|
| A: INOVELI<br><br>(*Kusa Kusihlwa*)<br>(*Umqol' Uphandle*)<br>*(Umonwabisi)* | 1–3 | 1 | |
| | | | |
| B: IDRAMA<br><br>(*Ndiyekeni*)<br>*(Inzala yamaRhamba)* | 4–5 | 1 | |
| | | | |
| C: AMABALI AMAFUTSHANE<br><br>('Ndakuyicela ivuthiwe')<br>('Itutu lase Tikitiki') | 6.1 + 6.2 | 1 | |
| | | | |
| D: ISIHOBE<br><br>('Imbongi')<br>('Unjingalwazi PT Mtuze')<br><br>**OKANYE**<br><br>('Ukungcwatywa kwetalente')<br>('Funzela enzulwini') | 7.1 + 7.2<br><br>**OKANYE**<br><br>8.1 + 8.2 | 1 | |

**QAPHELA:** Qinisekisa ukuba uphendule imibuzo kumaCandelo amaBINI kuphela.

## ICANDELO A: INOVELI

Phendula YONKE imibuzo ekwinoveli oyifundileyo.

### UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA**: Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 1.1 noMBUZO 1.2.

1.1 **ISICATSHULWA A**

'Hayi bo! Mfundisi, ngekhe ilunge loo nto. Siya kudliwa ngalaa makhwenkwe. Akukho mntu uyidlala ngcono le ndawo kunoMpumelelo ...' 'Ndiyayazi loo nto ... kodwa akazi kubakho. Siza kuba sesifaka uSpuni lowa ambambele. Naye ukwangumdlali ohlakaniphileyo, anditsho?'

Afana ayekelela amakhwenkwe kodwa enesikrokro kuba ke kambe ahle aqonda ngokubetha kolwimi olu lwale titshala yawo ukuba lo amfunayo akazi kumfumana ngeli xesha amfuna ngalo. Ngaphaya koko yayicace mhlophe into yokuba uMnumzana Mafanazwe uyamazi apho akhoyo uMpumelelo.

Eli tshawe **lingundaba-mlonyeni** kweli bali namhla, sisigantsontso somfana ekubonakala ngathi woba nezoso akukhula. Akamde kuyaphi phofu engemfutshane. Ngumfo oligcisa ngeminwe nangeenyawo ukanti ubuchopho ubuphiwe. Le yinto kaNtsibande esinqe sayo siseLusikisiki kuKhamisa. Apha kwesi sikolo ebekunyaka wakhe wokuqala kwisebe lematriki. Ibanga leJ.C. wayeliphumelele kwiSekondari yaseLamontville eThekwini.

Iincwadi bezibonisa ukuba wayephumelele kudidi oluphambili. Asingetsho ukuba le nkqubo yakhe nale ngqondo yale nkwenkwe ibiseyicacile kweli sebe okwakaloku nje kuba bekungekaviwa kwaye ebengekaxhonyelwa mehlo eklasini kusini na.

Xa ephakathi kwabanye, wayeyinkomo edla yodwa, kuba wayesoloko engumntu othuleyo engathathi nxaxheba kwiincoko neziqhulo zabanye abafundi. Ngeso sizathu, abafundi abaninzi babengamgqibi ukuba ungumntu oluhlobo luni na. Kodwa lo mntu wayesithi akuzimisela nokuba kusentwenini na, akrwele umda.

1.1.1 Xela ukuba kutheni uMpumelelo engekho kulo mdlalo. (2)

1.1.2 Lizisa ntsingiselo ni igama 'lingundaba-mlonyeni' elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa? (2)

1.1.3 Ingaba ibinzana, 'akrwele umda' liyichaza ngokuchanekileyo indlela uMpumelelo awenze ngayo umsebenzi wobugqirha? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.1.4 Waya kufunda phi uMpumelelo akuba ephumelele eBlythswood? (1)

1.1.5 Chaza indlela ababanjwa ngayo ootsotsi ababeze kutshisa ivenkile yakwaNtsibande. (2)

1.1.6 Xela injongo kaLungile ngokuthi uMpumelelo makazifunele umsebenzi ngexesha leholide. (2)

1.1.7 Nika umyalelo owawusegqwetheni malunga nendima kaYolisa kwaNtsibande. (2)

1.1.8 Khetha isenzeko esingeyonyani kweli bali kwezi:

A Ivenkile yakwaNtsibande yaqhekezwa.
B ULungile watshata noMebhelina.
C UThembisa watshata noMpumelelo.
D Abazali bakaMpumelelo basweleka. (1)

1.1.9 Kube bubuchule njani kule noveli ukwenza uLungile noNomakhwezi babe nezimo ezahlukileyo? (2)

1.1.10 Chaza uluvo lombhali ngobunkedama kule noveli. (2)

**KUNYE**

1.2 **ISICATSHULWA B**

Lo mfana wenzakeleyo uye wabalekiswa esibhedlele ekwimeko embi. Athe amapolisa efika babe ootsotsi sebengasavakali ndawo. Athe akuncina uLizzie nanjengomntu uxhitshulweyo kuba esaziwa, wakhanyela kwaloo nto yokuba uyabazi aba tsotsi. Iindaba zokuhlatywa komntu emdanisweni ziye zaza kufika nakuNozililo obeseluvalelweni. Uye wachulumanca kuba wayecinga ukuba nguMpumelelo, kodwa kuthe kwakufika unyana wakhe wamxelela ukuba ngubani na lo uhlatyiweyo, wasitsho isikhalo kuba kufumaniseke ukuba ngumtshana wakhe owayekhulele kowabo waza kusebenza eThekwini. Amapolisa akakhange aphinde onwabe. Luye lwaqina uphando.

Ngemini elandelayo, uThamsanqa udlene iindlebe nonyana wakhe mayela nemeko yalapha eThekwini kwisithuba samashishini akhe. Umchazele yonke into ibisenzeka ngeli xesha angekhoyo kude kuzofika kwesi siganeko somdaniso. 'Nyana, kukho unyawo lwemfene kule nto. Ngahle liyelenqe eli, kwaye ndiyabazi nabantu balo. Sendibulela nje ukuba wena ngokwakho wenze isigqibo sokuya kusebenza eLusikisiki kuba icacile into yokuba la mayelenqe ebeza kude emke nobomi bakho. **Mna akazi kundenza nto nyana; idolophu ndiyiqhelile.'**

'Tatomncinci, ukuya kwam eLusikisiki, kukubizwa ngamawethu kuba emaphupheni andicacisela ukuba ubizo lwam lulapho. Andiyihoyanga le yala mayelenqe amdaka. Kwaye futhi andinakuze ndibaleke mntu mna. La mayelenqe aqala ubawo esaphila.'

1.2.1 Nika isizathu esibangele ukuba uNozililo abe useluvalelweni. (2)

1.2.2 Xela impendulo uThamsanqa awayinika uNtongana xa wayefuna iincwadi zevenkile. (2)

1.2.3 Inika ngcingani intetho kaThamsanqa ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa? (2)

1.2.4 Nika isikhalazo sabakwaMakhwetshu kunye nesabahlali baseGliblands malunga nokuthengiselwa kukaLungile ivenkile. (2)

1.2.5 Xela isiphumo sokuphathisa uThamsanqa amashishini akwaNtsibande. (1)

1.2.6 Ingaba uNomakhwezi ngumlinganiswa ongqukuva okanye osicaba? Xhasa impendulo yakho. (3)

1.2.7 Sikweliphi inqanaba lesakhiwo sebali esi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (3)

1.2.8 Nika umxholo wale noveli. (2)
**[35]**

**UMBUZO 2: *UMQOL'UPHANDLE* – MAP Ngani**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo ezithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA**: Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 2.1 noMBUZO 2.2.

2.1 **ISICATSHULWA C**

Uthe akufikelela kwezo ngcinga, waphinda wancuma umntwan' asemzini. Hayi ke ngoku, uncumo lujike lwanto yimbi. Kwaqala kwafingeka iintshiyi, ubuso bazala intshwaqa, ulusu lwambatsha. Makube sasikho isizathu.

Ngokwenene sasikho kuba kwathi qatha zingcinga zimbi kwintombi yakwaMonti: 'Kutheni ndizenza isiyatha kangaka nje? Ndingathini ukuthi ekumthandeni kwam uEddie suke ndijike ndibe sisibhanxa? ...'

'Yindoda naye ufana namanye amadoda. Amadoda aqale nini ukuba ngabantu? Maninzi kangakanani na amankazana aphoxwe ngamadoda ebewathembile?

'Kunokwenzeka ngokwenene ukuba uEddie ndimnike ithuba lokuya kwesinye isithandwa sakhe. Kunokwenzeka, ngokwenene, ukuba eso sithandwa sesona asithanda ngaphezulu kunokuba endithanda. Ebefanele ukuba **ligwele** ndakumxelela ngamanye amankazana akhe. Bendingamqhuli. Intliziyo yam indixelela loo nto ngoku. 'Tyhini, baw'onofefe! Ndaqala ndakhumbula ngoku, kunini oothoba-sikutyele bendilumkisa ngoEddie. Kunini bendixelela ukuba le ndoda ngudlalani?

Ndiqinisekile abayilibali inkowane efana nam xa ndimana ukubabhebhetha ngelithi akukho nto injalo. Yini ukuzenza ilifa lentsini elizweni! Ndiphika nje, ndiyazela phi imbilini kaEddie? 'Abe ke nalo Eddie ndimphikelayo ngumgulukudu wenkulelwane yedolophu. Mna ndimazi bumini selengulo myebelelana wento ekhangeleka ilinene. Eyona nto yandityhaphaza amehlo okumondela yile ntshwaqane ayenza mihla le, endithembisa ukuba siza kutshata. 'Uthi siza kutshata. Siza kutshata nini?'

2.1.1 Xela ukuba kwakutheni ukuze uEddie angakufuni ukuphoswa ngulo mboniso ebefuna ukuya kuwo noLinda. (2)

2.1.2 Lizisa ntsingiselo ni igama 'ligwele' elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa? (2)

2.1.3 Ingaba uzichaza ngokuchanekileyo uLinda xa ethi, 'Eyona nto yandityhaphaza amehlo'? Xhasa impendulo yakho. (2)

2.1.4 Xela indawo aye kuyo uLinda emva kwale ntetho yakhe ikwesi sicatshulwa. (1)

2.1.5 Chaza indlela uDuma awamxhasa ngayo uLinda ngexesha awayeseluvalelweni. (2)

2.1.6 Nika injongo kaHlobo yokundwendwela e*Femina House*. (2)

2.1.7 Xela ukuba wawusithini umyalelo ovela kuEddie owawukwi*Tape recorder*? (2)

2.1.8 Khetha isenzeko esingeyonyani kweli bali kwezi:

A UHlobo wakhubeka wawa e*Moonglow Night Club*.
B UThembisa Ntlokonkulu wabanjelwa ukunxila.
C ULulama wabhubha engozini yemoto noEddie.
D UJoe Bumba wanika uHlobo ulwazi nge*Tape recorder*. (1)

2.1.9 Kube bubuchule njani kule noveli ukwenza uEddie Maga noThembisa Ntlokonkulu babe nezimo ezahlukileyo? (2)

2.1.10 Chaza uluvo lombhali ngobugewu kule noveli. (2)

**KUNYE**

## 2.2 ISICATSHULWA D

Uthe vumbululu kwangoko umtshutshisi, okaNgqondi, emveni kokuba ebesoloko esenza amanye amabhunga nokaHlobo. Uhambise wathi, 'Ndiphakamela ukucela le nkundla isikhabe esi sicelo somthetheleli wommangalelwa. Nangona lonke uphando selugqityiwe, kunokuthelekelelwa ukuba ubungqina esinabo kwityala elilolu hlobo bucekethekile kakhulu kangangokuba bungacunyuzwa lula ngummangalelwa xa ethe wakhululwa.

'Ngaphezulu koko, singade sibe besimthembile ummangalelwa ngelixa elingaphambili, simnika onke amawonga ngenxa yentembeko kodwa ukuthenjwa komntu kuphela mhla wenza ububi okanye mhla warhanelwa ngobubi. Kakade umntu uhleli engagqibeki, ingaziwa imbilini yakhe. Lowo simthembayo senziwa kuba sisaneliswa koko kusemehlweni ethu. Athi amaciko umntu ngumva wekhabhathi wona ungekho mehlweni amntu. Kulo mmangalelwa, sesiwubonile umva obusoloko usinqabele. Sesimbonile ukuba lilahle elinomthuthu. Masingazibeki ke esichengeni sokutshiswa lilahle elinomthuthu naxa seside salibona. Nam ndisatshaya.'

Ide yathetha imantyi, 'Kwesi sithuba, inkundla yokhe ithi khebevu okwemizuzwana engephi, khe ndiye kuqwalasela endikuvileyo.' Ekubuyeni, imantyi ayibanga saphozisa maseko. Igadlele yathi, 'Ndizihlafunisisile zonke iingongoma ezithe zabekwa phambi kwam ngala macala mabini abambene ngeli tyala. **Andibanga namathandabuzo ngesigqibo endifikelele kuso.'**

2.2.1 Nika isizathu esibangela ukuba uNgqondi athi bambonile uLinda ukuba ungumva wekhabhathi. (2)

2.2.2 Xela impendulo awayifumanayo uHlobo xa wayebuzisa ngoNkosikazi uHobe kwiiofisi zakwaNolali. (2)

2.2.3 Inika ngcingani intetho yeMantyi ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa? (2)

2.2.4 Nika ngeengongoma eziMBINI ulwazi oluluncedo awalufumana kuJoe Bumba uHlobo. (2)

2.2.5 Chaza isiphumo sesenzo sikaHlobo sokundwendwela e*All Safe Bank*. (1)

2.2.6 Ingaba uLinda Monti ngumlinganiswa ongqukuva okanye osicaba? Xhasa impendulo yakho. (3)

2.2.7 Sikweliphi inqanaba lesakhiwo sebali esi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (3)

2.2.8 Nika umxholo wale noveli. (2)
**[35]**

## UMBUZO 3: *UMONWABISI* – ZA Japhta

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo ezithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA**: Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 3.1 noMBUZO 3.2

3.1 **ISICATSHULWA E**

Kungoko ke waye wathanda ukusoloko ezula apho ngaphambili evenkileni ebaleka ukusoloko ephakathi kwekhaya elo. Wakhula ke kungekho nto ixhomisa amehlo ngakuye wade wafikelela kwithuba lokuqalisa isikolo. Naye ke waqala kwakweso sikolo samabanga aphantsi salapho eNtshiqo. Engenile esikolweni waqhuba nje kakuhle njengabanye bethu. Wayephumelela kuloo mabanga aphantsi **esemxukuxeleni** womngcelele wabafundi abo. Wathi xa akwibanga lesithandathu wabonakalisa ubuthuntu bengqondo, kangangokuba kwiimviwo zaphakathi konyaka waphuma isithathu ukusuka ekugqibeleni. Waphumelela nzima ukuphela kwaloo nyaka ngokusebenzisana kwezo titshala zazimfundisa, zimthundeza ngandlela zonke ukuba azithande iincwadi zakhe. Kunyaka olandelayo wahluleka kukuphumelela ibanga lesixhenxe. Ootitshala bafa ziintloni nodano kuba umntwana lowo ongqondo ilukhuni wayengowomntu osixabisileyo eso sikolo, kwaye ke kwabangaphambili abantwana bakaThandabantu kwakungenjalo. Imithandazo yeetitshala yaphendulwa xa aphumelela ukuphela kwaloo nyaka, kwatsho kwathi xibilili kuzo zivuyela ukuba wayeza kudlulela phambili angancami esephantsi kwazo.

Waya kungena kwibanga lesibhozo eNgcolosi. Kuloo nyaka wokuqala akuzange kubekho nelincinane bethu ithemba lokuba angaphumelela. Watshona akavela nakancinane ngokwentetho yabafundi. Nakolandelayo unyaka ephinda elo banga kwaba seso sanyakenye. Iititshala zayana ngamehlo zixakwe ukuba zenze ntoni na ukuncedisana naye. Walinga okwesithathu uMonwabisi, hayi lambhulela amasaka ibanga lesibhozo kwancameka tu.

3.1.1 Xela ukuba kwakutheni ukuze uMonwabisi angakuthandi ukusoloko ephakathi kwekhaya. (2)

3.1.2 Lizisa ntsingiselo ni igama 'esemxukuxeleni' elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa? (2)

3.1.3 Ingaba inkcaza ethi, 'ubuthuntu bengqondo' imchaza ngokuchane-kileyo uMonwabisi xa ujonge indlela awaqhube ngayo amashishini kaThandabantu ebalini? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.1.4 Xela idolophu ezafunda kuyo iintombi zikaThandabantu zakuba ziphume eNtshiqo. (1)

3.1.5 Chaza indlela uMamTolo akuqhubele phambili ngayo ukonakala kwezimilo zabantwana bakhe. (2)

3.1.6 Nika injongo yegqwetha ngokumngcambazisa ngemibuzo uMonwabisi. (2)

3.1.7 Xela ukuba wawusithini umyalelo owunikwa uMonwabisi ligqwetha malunga namashishini kaThandabantu. (2)

3.1.8 Khetha isenzeko esingeyonyani kweli bali kwezi:

A UThandabantu wayebelwa kakhulu ngabasebenzi.
B UMonwabisi waphumelela isidanga eyunivesithi.
C UNobuntu wagxothwa phakathi esikolweni.
D UMamTolo waya kubizela uThandabantu umfundisi. (1)

3.1.9 Kube bubuchule njani kule noveli ukwenza uThandabantu noMamTolo babe nezimo ezahlukileyo? (2)

3.1.10 Chaza uluvo lombhali ngobunkedama kule noveli. (2)

3.2 **ISICATSHULWA F**

'Hayi tata musa ukuzikhathaza, khumbula kaloku imeko yempilo yakho.'

'Ndi-ndikhumbula yona kanye, nkosikazi. **Ukuba okoko ndiphile impilo yentsongelo, eyokushwabula.** Ndade ndalahla nakuloo nkonzo ndandiMakhele yona, ngokunga bendilindele imbuyekezo kungekuko ukuba ndiyaMdumisa ndiMbonga ngendawo Andibeke kuyo ebomini. Koko Uthe akundilinga njengoko Wamlingayo u-Abraham ngonyana wakhe u-Isake, ndasuka mna ndangongenathemba lilele kuYe, ndangonekratshi, ndasuka esifubeni saKhe. Mhlawumbi ndandimfamekiswe yimpumelelo andinike yona.'

'Hayi tata konele noko ke ngoku musa ukuzixhela umphefumlo.'

'Nakanye nkosikazi, andizixheli, koko luvuyo lokuba kanti ndingomlahlileyo njalo mna, Yena usandikhathalele esazihlupha ngam. Kuthe kanti kulo mntwana mna ndandimgcina nje ndingajonge nto kuye, nguye lo amsebenzisayo ukundibonisa ukuba usandithanda. Nceda ke nkosikazi undibizele uMfundisi ndiphinde ndizinikele kuYe ndisenalo ithuba.' Waguquka waphinda wajonga ngaseludongeni uRhadebe akaphinde abe nalizwi, kwavakala nje isingqala ukuba indoda iyalila. Wema nematha uMamTolo athi sele esemnyango aphinde abuye eze kuma ngakumandlalo lowo.

UThandabantu wamhesha nje ngengalo engamjonganga, wade ke naye waphuma ingqondo isadidekile. Wayeza kuthini kaloku ukungadideki? Kwakunini bagqibelayo ukuya ecaweni? Wayeza kufika athini kuloo Mfundisi njengokuba babengamazi negama nje?

Yena uMfundisi lowo wayengazi kusuka amwe ngempoxo kuba engazange ababone nangemini enye ecaweni?

3.2.1 Nika isizathu esibangele ukuba uThandabantu ayeke ukuya ecaweni. (2)

3.2.2 Xela impendulo uMonwabisi awayinika uBra Sam xa wayembuza abazali bakhe. (2)

3.2.3 Inika ngcingani intetho kaThandabantu ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa? (2)

3.2.4 Nika ngeengongoma eziMBINI okwenzekayo emzini kaThanda-bantu ngethuba wayephesheya. (2)

3.2.5 Nika isiphumo sesenzo sikaThandabantu sokuphatha abantu kakubi. (1)

3.2.6 Ingaba uThandabantu ngumlinganiswa ongqukuva okanye osicaba? Xhasa impendulo yakho. (3)

3.2.7 Sikweliphi inqanaba lesakhiwo sebali esi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (3)

3.2.8 Nika umxholo wale noveli. (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

## ICANDELO B: IDRAMA

Phendula YONKE imibuzo ekwidrama oyifundileyo.

### UMBUZO 4: *NDIYEKENI* – DM Jongilanga

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo ezithatyathwe kule drama uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA**: Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 4.1 noMBUZO 4.2

4.1 **ISICATSHULWA G**

| | |
|---|---|
| NDILA: | Ndazi phi na Tshangisa, ngokuba **isuthu ngathi liphume nam** nje. |
| MADALA: | Hlala ndikuxelela ukuba uMawonga akunakumbeka entanyeni okwedyokhwe. |
| NDILA: | Eyona nto undibona ukungakwazi ukufundisa esisigqogqo oku kwakhe kuyo yonke le ngingqi. |
| MADALA: | Masidlule apho mfo wam. Ingaba yintoni ekuthuthe yaza kukubek'apha? |
| NDILA: | Ngomso Tshangisa yintlanganiso yenu, niza kubizelwa lo mcimbi. Ndithe ke ndakuqonda ukuba iliwa libhek'umoya ndabalekela kuwe. |
| MADALA: | Utsho usithini ke mfo wam? Andithi ungumXhosa? Ngoku ke uyazi ukuba isithabathaba yinkuthazo kwaXhosa. |
| NDILA: | Sendiyilungiselele loo nto (*Watsho emnika ama-R25,00).* |
| MADALA: | Heke! Kuthe kanti uyindoda mfo kaNdila. Asindlu kaThekwane le uthi mandiyakhe yeyehobohobo. Kuya kufuneka ungathi uthi nyi kunoku. |
| NDILA: | Ndihambe kangakanani Tshangisa. |
| MADALA: | Unani na mfondini? Ikhulu liyintoni kunokulahlekelwa ngamawaka oya kuwamkela ubomi obu bakho x'usindile? |
| NDILA: | Kulungile bawo ndiya kwenza elinye igalelo ekufeni kwenyanga. |
| MADALA: | Hoho! Uzulumke intakobusi ishiyelwa elenkosi inqatha. |
| NDILA: | Uya kuthini bawo ukungandithembi namhlanje, siqhele ukwenzelana izinto nje? |
| MADALA: | Mfo wam, ndikholwa kukumqonda umntu ekunyanisekeni kwakhe kwinto athi ufuna yona, ndingahlali emlilweni ndingazi apho uvela ngakhona umoya. |
| NDILA: | Tshangisa lo mfo kaLoni ubudyakalashe, kuyafuneka ukuba uqinise iqulo ukuze ndisinde. |
| MADALA: | Oondonci bethu bakhula bagqiba. Ukungqivaza ngumkhwa wamayilo neenyhwangi, ukungqodoza sisidanga samaciko namachelezi. |

4.1.1 Xela ukuba kutheni uNdila eze kwaMadala. (2)

4.1.2 Nika intsingiselo eziswa yintetho kaNdila ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)

4.1.3 Ingaba intetho kaNdila ethi 'iliwa libhek' umoya' iyichaza ngokuchanekileyo imo akuyo emsebenzini? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.1.4 Xela indawo awaya kuphangela kuyo uNdila akumka eNobutho. (1)

4.1.5 Chaza indlela uRay awamxhasa ngayo uThandiwe ngexesha uMawonga wayesoloko ekwaFuneka. (2)

4.1.6 Wayenanjongo ni uMaziko ngokuya kuxela uMawonga kuMadala? (2)

4.1.7 Nika umyalelo uFuneka awawunika uZanele malunga nendlela yokuhlala ngomhla wetheko. (2)

4.1.8 Khetha isenzeko esingeyonyani kweli bali kwezi:

A UJekwa wacebisa ukuba Ndila makagxothwe.
B UMawonga walala endleleni onakalelwe yimoto.
C UMaziko wacebisa uNdila ukuba aziphindezele.
D UNomasoka noRay bandwendwela kwaMawonga. (1)

4.1.9 Kube bubuchule njani kule drama ukwenza uMaziko noNdila babe nezimo ezahlukileyo? (2)

4.1.10 Chaza uluvo lombhali ngokuthanda imali kule drama. (2)

**KUNYE**

4.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA H**

| | |
|---|---|
| MAWONGA: | Kuthe kanti ningamadoda, *boys (atsho eyithabatha. Ibe yimigudu ukusa emlonyeni isandla sityityimba.)* |
| VUMA: | Ungangxami mfundisi hleze iphalale. |
| HOMBAKAZI: | O! Guga sithebe. Yingwe le ekuhlohleni. |
| MAWONGA: | Asina ededelana kweli gada. |
| NZIMA: | Kodwa **Loni unxila kakubi wena ngathi akufundanga** khawenze nawe kudala usela obu bethu utywala. |
| DILIZA: | Mfo wethu. Wenna! ungagabadeli, yititshala yakho le uthetha nayo ngolu hlobo. |
| NZIMA: | Suka akutitshwa ngoku, sisela utywala singamadoda sonke. |
| MAWONGA: | *Alright boys*, Thulethu, sapha ihafu. |
| THULETHU: | Unotshe! Iphi imali? Akubhatali wena. |
| MAWONGA: | Ndinayo imali. |
| THULETHU: | Ina ethe kuqala usandibamba imali yestreyiti nangoku. |
| MAWONGA: | Eli lizwe limi ngemboleko mntanam. Ukuphila ngeenkozo yinto yabantu abasele bephumelele. |
| THULETHU: | Imali kuqala ubuciko abuzi kunceda nto. |

| | |
|---|---|
| MAWONGA: | Enkosi (*ethabatha ihafu).* (*Kuselwe kwada kwasebusuku. Uphume apho uMawonga wonda ngendlu kaFuneka.)* |
| MAWONGA: | Nkqonkqo! Nkqo!<br>*(Cwaka*) Zanele, Zanele! (*Cwaka)* Zanele vula!<br>Nkqonkqo! Nkqo! (*Cwaka*) (*Tywalakahla-wahla wophula ifestile.)* |
| ZANELE: | Yintoni ebusuku apha? |
| MAWONGA: | Vula uza-ku-ndiva. Vula, vu-u-u-la. |
| ZANELE: | Kudala ndakuxelela ukuba funa ndawo yimbi. |
| MAWONGA: | *What*? Uqhele ukubancuva, ubancuva ubalahle. Vula (*abethe ucango ngamandla.)* |
| ZANELE: | Uyakomela apho. |
| FUNEKA: | Mawonga, uhlawula irente apha? Siza kungalali ngenxa yakho? Uyaqala ukwaliwa? |
| MAWONGA: | Ungena phi wena?_Zanele, Vula (*Cwaka)* Akulalwa, tu. Imali ya-a-m! Enga-aka? Vu-u-u-la Zanele. *(Cwaka)*<br>(*Ukhwaze watsha ilizwi wadumba inqindi kukubetha ucango wancama wagoduka emdaka enjalo)* |

4.2.1 Nika isizathu esibangela ukuba isandla sikaMawonga sityityimbe kubenzima nokusisa emlonyeni. (2)

4.2.2 Xela impendulo awayinikayo uThandiwe xa ooNomadinga babesithi makangamyeki uZanele emyenini wakhe. (2)

4.2.3 Inika ngcinga ni intetho kaNzima ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa? (2)

4.2.4 Nika izenzo zibe ziBINI azenzileyo uMaziko ukuze afumane isikhundla sobunqununu. (2)

4.2.5 Xela isiphumo sokugxothwa kukaMawonga kwaFuneka. (1)

4.2.6 Ingaba uZanele ngumlinganiswa ongqukuva okanye osicaba? Xhasa impendulo yakho. (3)

4.2.7 Sikweliphi inqanaba lesakhiwo sebali esi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (3)

4.2.8 Nika umxholo wale drama. (2)
**[35]**

**UMBUZO 5: *INZALA YAMARHAMBA* – M Mlokoti**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo ezithatyathwe kule drama uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA**: Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 5.1 noMBUZO 5.2.

5.1 **ISICATSHULWA I**

| | |
|---|---|
| NOYONGO: | Owu! Sukuzikhathaza wena sana lwam, banjalo bonke. Sokuze ukhule kubo usahlala nabo, **uya kuhlala ulusana**, de uphume uzimele. |
| DINA: | Ewe hayi ndiyayibona nam leyo Sis' Yongs. Namhlanje ngutata, ngomso ngumama, nako ngoku kungenelela nobhuti. |
| NOYONGO: | Hayi wena sana lwam ungazikhathazi, yonke into iza kulunga. Jonga sana lwam, mandikucacisele ngenkqubo yalapha, ukuze ukwazi nawe ukuyiqonda indima yakho. |
| DINA: | Kulungile Sis' Yongs. |
| NOYONGO: | Apha sana lwam, kuba wena uza kuqala, uza kusebenza iintsuku nje ezimbalwa evekini. Yaye njengokuba ungumntwana wesikolo, uza kusebenza iintsuku ezintathu evekini. Uyeva sisi? |
| DINA: | Ewe ndiyakuva Sis' Yongs. |
| NOYONGO: | Heke sana lwam. Uza kungena emsebenzini ngooLwesihlanu. Ulale uLwesihlanu, uMgqibelo neCawa, ugoduke ngoMvulo, ukuze ukwazi ukuya esikolweni ngoMvulo. Uyeva sisi? |
| DINA: | Ndimamele Sis' Yongs. |
| NOYONGO: | Heke. Uza kufumana ikhulu elinamashumi amahlanu eeRandi qho ngeveki njengomvuzo wakho. Kodwa yonke yona enye into yokutya, nendawo yokulala akuzokuyihlawulela uza kuyifumana simahla. Uyeva sisi? |
| DINA: | Ewe Sis' Yongs. |
| NOYONGO: | Kukho iincwadi zomsebenzi ekufuneka sizilungisile, ukuze ube ngumsebenzi walapha ngokusemthethweni. Uyaqonda sisi? |
| DINA: | Ewe Sis' Yongs. |
| NOYONGO: | Jonga sana lwam. Nalu uxwebhu lwesivumelwano sokuba ukususela namhlanje ungumsebenzi walapha. Sayina apha sisi. |

5.1.1 Xela ukuba kwakutheni ukuze abazali bakaDina bazikhathaze ngaye. (2)

5.1.2 Izisa ntsingiselo ni intetho kaNoyongo ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa? (2)

5.1.3 Ingaba uyichaza ngokuchanekileyo uNoyongo indlela aza kuhlala ngayo uDina xa athi, 'uza kuyifumana simahla'? Xhasa impendulo yakho. (2)

5.1.4 Xela idolophu awaya kuphangela kuyo uZanoxolo. (1)

5.1.5 Chaza indlela awabanjwa ngayo uThambolenyoka. (2)

5.1.6 Wayenanjongo ni uNoyongo ngokusayinisa uDina uxwebhu lwesivumelwano somsebenzi? (2)

5.1.7 Nika umyalelo uGxalaba awawunika uNoyongo malunga noThambolenyoka. (2)

5.1.8 Khetha isenzeko esingeyonyani kweli bali kwezi:

A UDina waya kumangalela uNyoka emapoliseni.
B UGxalaba waqala wacela umtshato kunoNoyongo.
C UZanoxolo wathatha incula kaDina wayifihla.
D UKuku noDina ngabo abagxothwayo kwaNyoka. (1)

5.1.9 Kube bubuchule njani kule drama ukwenza uDina noThambolenyoka babe nezimo ezahlukileyo? (2)

5.1.10 Chaza uluvo lombhali ngempathombi yabantu ababhinqileyo kule drama. (2)

**KUNYE**

5.2 **ISICATSHULWA J**

| | |
|---|---|
| NYOKA: | (*Ejika ebhekisa kuDina*) – Hlala phantsi, hlala phantsi ntombazana. Yintoni? |
| DINA: | Asoze kaloku ubuchithe ubomi bam ubenze le nto, ukuze obakho bushiyeke buyimbumba. Baza kondliwa yintoni aba bantwana? Baza kondliwa yintengu? |
| NYOKA: | (*Exhome amehlo)* – Uthetha ukuthini? |
| DINA: | Ukutsho! Mene-menendini. Unyaka oneenyanga ezisibhozo zonke, undiyoba apha undidlisa ityhefu undilalisa namadoda endingawaziyo, ngoku uyandibukula okwerhamba libukula inzala yalo. |
| NYOKA: | Sowuphambene gqitha mntwanandini hhi! Futhi usile, utwezekile. Khona sowuthetha ngabantwana nje, ngokabani omnye lo? |
| DINA: | Owu! Uyabuza? Ngokabani omnye lo? Kucacile ukuba ukho lo umaziyo. Kanti uza kundazi gqwirhandini. |
| NYOKA: | (*Ekhwaza*) Noyongo! Noyongo! |
| NOYONGO: | (Engena emaphikana) Mlungu? |
| NYOKA: | Biza isetyhurithi pha. Khawuleza, biza isetyhurithi ikhuphe le nto. Rha yini le! Ndiza kugezelwa sisaphuselane kakade? |

| | |
|---|---|
| DINA: | Kanti andikakugezeli. **Usaza kubona. Ndiza kubuchitha buthi nya obu bukumkanana bakho bebhongo.** Akuzi kusala nalinye ilitye phezu kwelinye ndiyakuxelela. |
| NYOKA: | Uthini? |
| DINA: | Senditshilo. |
| NYOKA: | Uza kuyenza njani loo nto? |
| DINA: | Uza kubona lukulukundini lomthakathi. |
| NYOKA: | Noyongo! Umeleni uthe phuhlu amehlo apho nje wena? Akuvanga ukuba nditheni kuwe? (*Ekhwaza*) Khuphani le nto apha. Khuphani le nto! |
| DINA: | Hayi, sukuzihlupha nawe mene-menekazindini lomfazi, ndiza kuziphumela. Kodwa! Niza kundazi. (*Uphume apho ejwaqeka ngumsindo, ebashiya bekhwankqisiwe. Wagxanya ukuya kuphuma ngomnyango kwigumbi elingaphambili …)* |

5.2.1 Nika isizathu esibangele ukuba uDina eze kwaNyoka ngale mini. (2)

5.2.2 Xela impendulo awayinika uNoyongo uThambolenyoka xa wayemazisa ukuba uDina ungenwe ziziyobisi. (2)

5.2.3 Inika ngcinga ni intetho kaDina ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa? (2)

5.2.4 Nika zibeMBINI iinkcukacha ezikuxwebhu lwengqesho olwasayiniswa uDina. (2)

5.2.5 Xela isiphumo sesenzo sikaThambolenyoka sokugxotha uKuku. (1)

5.2.6 Ingaba uNoyongo ngumlinganiswa ongqukuva okanye osicaba? Xhasa impendulo yakho. (3)

5.2.7 Sikweliphi inqanaba lesakhiwo sebali esi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (3)

5.2.8 Nika umxholo wale drama. (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

Phendula YONKE imibuzo ekwibali elifutshane olifundileyo.

### UMBUZO 6

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo ezithatyathwe kumabali amaBINI uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA**: Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 6.1 noMBUZO 6.2

6.1 **'NDAKUYICELA IVUTHIWE' – LL Ngewu**

**ISICATSHULWA K**

Esi sibini sivuzwe ngomntwana oyinkwenkwe othiywe igama lokuba nguMakwenzeke. Into emothusileyo uNozukile kukufumanisa ukuba uninazala **ukroba qho emphandeni**. Akabanga nako ukuyinyamezela into yokuphulaphula imbudede yomntu ozivelela etywaleni. Eyona nto ibimgqiba ngamagwijo kaninazala ebevakala esekude ukuba uyeza. Kuye kwacaca ukuba esi sibini asinakuhlalisana kakuhle. UNozukile ucinge ukuba aphindele esikolweni ukuya kufunda ecinga ukuba ngokwenza njalo uninazala uza kujongana nekhaya.

Intokazi ilahlele kude impahla zobufazi yangena kwimpahla zesikolo. Ukhuze wancama uMaVumisa koko wabe umntwana waseThekwini enze isigqibo sokuba akanakubuya mva. Uthe chu esikolweni ehamba noMnyamezeli. UMaVumisa ukhe wayithi thsuphe le nyewe kumadoda akwaNdlambe. Asabele amadoda eze kuziqondela. Afike aqobisa engxolisa uNozukile, emxelela ngozuko lomfazi ukuba lukwisinxibo sakhe. Umfazi waseThekwini akaqheliselanga nokuqhelisela, ebaxelela ukuba akathengelwa mpahla ngabo. UNgabuni ukhe wathembisa ngenduku, koko le ntokazi yamxelela ukuba angaba ugqibelisile ebomini bakhe ukubetha umntu. Amadoda anikine iintloko eyiqonda ukuba le nto ayingangawo. UMluleki utsholo phantsi esithi*, 'Ndandikhe ndayitsho ke le nto'.* Emke ngale mini amadoda akwaNdlambe edikwe yeyokosa evuthiweyo engayidlanga.

Ekupheleni kwenyanga ubuyile uQolwana njengesiqhelo. Afikile amadoda ahlala ngasebuhlanti ngathi azo kucela ubulawu. UQolwana ucinge ukuba le yindlela nje azicelela ngayo uhoyo.

6.1.1 Xela ukuba kwakutheni ukuze uQolwana asiyeke isikolo. (2)

6.1.2 Izisa ntsingiselo ni intetho ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa? (2)

6.1.3 Ingaba ukuthi 'akaqheliselanga nokuqhelisela' kuyichaza ngokuchanekileyo indlela uNozukile awayengabathobelanga ngayo abantu bomzi? Xhasa impendulo yakho. (2)

6.1.4 Xela idolophu awayephangela kuyo uQolwana. (1)

6.1.5 Nika injongo kaNozukile ngokubuyela esikolweni. (2)

6.1.6 Chaza indlela uQolwana awawuqhuba ngayo umcimbi wakhe wekhazi. (2)

6.1.7 Nika isikhalazo samadoda akwaNdlambe malunga nesinxibo sikaNozukile. (2)

6.1.8 Khetha isenzeko esingeyonyani kweli bali kwezi:

A AmaNdlambe ahlanganisana kuloQolwana.
B UMaVumisa wasweleka engekho uNozukile.
C UNozukile waduka akaziwa apho akhoyo.
D UNokwanda wendiswa esemncinane ngunina. (1)

6.1.9 Kube bubuchule njani kule drama ukwenza uMluleki noQolwana babe nezimo ezahlukileyo? (2)

6.1.10 Chaza uluvo lombhali ngokutyeshelwa kwamasiko nezithethe kweli bali. (2)

**KUNYE**

6.2 **'ITUTU LASETIKITIKI' – LL Ngewu**

**ISICATSHULWA L**

Kunyaka olandela lowo uMdesalini ucelele unyana wakhe indawo yokufunda kwisikolo saseCwele eNgqeleni. Umcelele nendawo yokuhlala kwakwesi sikolo. Ngomhla wokuvulwa kwesikolo abazali nabantwana bamenyiwe ngeenjongo zokwaziswa imithetho yesi sikolo. Umke ngaloo mini uMdesalini echwayitile kukuva ngenkqubo yesi sikolo.

Kugqithe nje iinyanga zane uThobile ekwesi sikolo **lavuka ikakade** lakhe. Eneneni akuvukanga kakade lakhe ngokungathi belikhe lalala. Into nje eyenzekileyo kukuba ude wabhaqwa kunyawo lwakhe lwemfene. Bekuthi xa kulelwe le nkewu ivuse oogxa bayo abane bangene emasimini bakrwentshule izikhwebu zombona bazoje ngobusuku njalo. Into yombona owojiweyo ibachewulile babona ukuba mabagqithele kweseyiqatha yona into le. Ngoku bangenwe ngumkhuba wokugqobh' ilali bahamba besiba iinkukhu, bazibulale bazoje ngobusuku.

Iye yazinga ngokuzinga into yokuduka kweenkukhu zelali ade amadoda agqiba kwelokuba angalali ngobusuku obuthile, koko alalele ezi ngada bekucaca ukuba iinkukhu zaseCwele beziziphumele iphulo.

Kwalile malunga nentsimbi yeshumi elinanye ebusuku, kubusuku apha obabungenanyanga, zabonakala luzizi izithinzi zamasela amahlanu zithambekela kwabawo uThangayi. Amadoda aye alala ncwaba ngezisu, aphefumlela ezantsi.

Zikhe zakhonkotha nje kancinci izinja zeli khaya koko zakhawuleza zathi cwaka ngokungathi ikhona le nto zithenjiswe ngayo.

6.2.1 Nika isizathu esabangela ukuba uThobile ade ayokucelelwa indawo kwisikolo saseCwele. (2)

6.2.2 Xela impendulo yetitshalakazi kwinqununu xa yayibuzwa ngokugxotha uThobile eklasini. (2)

6.2.3 Nika ingcinga eziswa yintetho ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)

6.2.4 Nika ibeMIBINI imisebenzi emihle kaThobile ayenze emva kokuba efumene unyango. (2)

6.2.5 Xela isiphumo sokubanjwa kukaThobile esiba iinkuku eCwele. (1)

6.2.6 Ingaba uThobile ngumlinganiswa ongqukuva okanye osicaba? Xhasa impendulo yakho. (3)

6.2.7 Sikweliphi inqanaba lesakhiwo sebali esi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (3)

6.2.8 Nika umxholo weli bali. (2)

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

## ICANDELO D: ISIHOBE

Phendula YONKE imibuzo ekwimibongo oyifundileyo.

**UMBUZO 7: *IVAMNA BAFAZI BOLUSU* – S Maphuthi nabanye**

Funda le mibongo nezicatshulwa zemibongo ezilandelayo uze uphendule imibuzo. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA**: Phendula imibuzo esetwe kuyo yomiBINi imibongo oyifundileyo, oko Kukuthi UMBUZO 7.1 noMBUZO 7.2 OKANYE UMBUZO 8.1 noMBUZO 8.2

7.1 Funda lo mbongo ulandelayo uze uphendule imibuzo.

**'IMBONGI' – KN Manciya**

Nguchul' ukunyathel' ingcibi yezibongo;
Lichabasa lechebesh' elichas' amachelesi;
Yinkcambi yolwimi ichanasa lokucukuceza.
Kroti lakwabani ngqanga yamazwi!

Khonkco lomzi nesizwe samathongo;
Akusiloqi nasiwanqi salopholopho;
Yinjinga engaqhayisi ngazincwadi zamlungu;
Izigasa ngezisongelo zolwimi oluncuthu mazangwa.

Yingcungcu ongeyivali mlomo,
Kub' imiqobo ayibekelwa mbongi;
Ngumavula-kuvaliwe isinyikatha sesazi
Seemfihlo zelizwe elizayo kwisizwe samathongo.

Ezakh' iziqamangelo zikwilizwe elingaphaya kwefihlo.
Wolondl' itshoba lakhe umfo wasemzini,
Nqwa neletola int' eman' ukutywas' ihlasimla;
Ihlokohlwa ngamahlwantsi elizwe lasekupheleni.

7.1.1 Caphula igama kumgca woku-1 elinentsingiselo yokuba imbongi ilichule kwizibongo. (1)

7.1.2 Xela isixhobo sesandi esisetyenzisiwe kumqolo wesi-2 kwisitanza soku-1. (1)

7.1.3 Kutheni imbongi ichazwa njengengqanga yamazwi kumqolo wesi-4? (2)

7.1.4 Chaza indlela lo mbongo oluveza ngayo uluvo lokuba iimbongi zingamakroti ngokwesitanza sesi-3. (2)

7.1.5 Nika isizathu sokuba kuthiwe imbongi ilikhonkco lomzi nesizwe samathongo. (2)

7.1.6 Xela into imbongi engaqhayisi ngayo ngokomqolo wesi-7. (1)

7.1.7 Chonga isifaniso esikumqolo we-15 uze unike intsingiselo yaso. (2)

7.1.8 Chaza ukwahluka kumxholo wesitanza sesi-3 nowesitanza sesi-4. (2)

7.1.9 Loluphi udidi lombongo olu? Xhasa impendulo yakho. (3)

7.1.10 Unjani umoya wembongi kulo mbongo? Xhasa impendulo yakho. (2)

**KUNYE**

7.2 Funda lo mbongo ulandelayo uze uphendule imibuzo.

**UNJINGALWAZI PT MTUZE – Z Mtumane**

<u>Aa!</u> Njinga yolwazi
Aa! Mathwal' izidanga ngentloko!
Wena Mabelek' izidang'emqolo!
Kuzo zonke utshila ngesiXhosa;
Ukuze bungaphel' ubuXhosa.

Kumaziko emfundo uyaziwa
Waziwa ngokufunda nokuxelenga.
KwaSesile ukhe wabonwa;
Uphethe isidanga sokuqala,
Uhlanganise noguqulo-ntetho.
E-UNISA bayakwazi.
Apho ubufunda ngekhandlela,
Ukuze nje ube ne*Honours* ne*Masters*.
NaseKapa ukhe wavela,
Ukuze nje bakubize ngobuGqirhalwazi.
Siyakukhahlela ke Gqirha wolwazi,
Ubazi bonke ubugocigoci besiXhosa.

Wena Mguquli weelwimi ezimbini;
Uguqulel' isiNges' esiXhoseni,
Ubuy' ubuyisel' isiXhos' esiNgesini;
Ukuz' amaXhos' aqondane namaNgesi,
NamaNges' angalahlekwa sisiXhosa.

Bayavuy' abazal' abakwaz' ukuzala,
Abazinqe zihle ziphum' iintw' ezintle,
Ubuhle bazo obuvela kwimisebenzi
Yenzala yabo ncakasana.
Xa nditshoyo ke ndigxeleshe uKusi noNosajini;
Ekwathi kanti bakhulis' iPolofesa bengazi.
UMadib' omde wamathaf' aseMetele,
Apho **imfesane** yakho wayishiya khona

Umagxanya nganyawo zombini,
Owagxany' esuk' eMetele,
Waza kunyathel' eQonce,
KwiBhisho lamaTshatshu kaNtind' kuloMfetsho,
Ebalek' umsindo wamaGxagxa,
Awayebang' umhlab' esithi ngowawo,
Singazanga sibone nagada alilayisha kwi*Dromedaris*
Afika lo mhlaba ukho.
Uhleli abanikazi bawo,
Ama-Afrika oqobo.

7.2.1 Xela umsebenzi wegama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisitanza soku-1. (1)

7.2.2 Khetha ulwazi olungeyonyani ngokubhekiselele kulo mbongo kwezi:

A UNjingalwazi ufunde eKapa.
B UNjingalwazi ufunde phesheya.
C UNjingalwazi uzalelwe eMetele.
D UNjingalwazi ufudukele eBhisho. (1)

7.2.3 Nika ingcinga eziswa ngumqolo we-12 kwisitanza sesi-2. (2)

7.2.4 Chaza isakhiwo sangaphandle somqolo we-16 nowe-17. (2)

7.2.5 Loluphi uhlobo lophindaphindo olusetyenziswe kumqolo we-21 nowama-22? (1)

7.2.6 Xela umsebenzi woshiyo sikhamiso kulo mbongo. (1)

7.2.7 Nika okuqulathwe sisitanza sesi-4. (2)

7.2.8 Xela isithetha-ntonye segama elibhalwe ngqindilili kumqolo wama-30 ngokomxholo wesitanza. (1)

7.2.9 Nika umfanekiso-ngqondweni ofumaneka kumqolo wama-32 'Owagxany' esuk' eMetele' uze uchaze ukuba uphuhlisa ntoni. (2)

7.2.10 Unika ntsingiselo ni umqolo wama-40? (2)

7.2.11 Myalezo mni odluliswa yimbongi kulo mbongo? (2)
**[35]**

**UMBUZO 8: *VUKANI MADODA KUSILE* – A Stemela**

8.1 Funda isicatshulwa sombongo esilandelayo uze uphendule imibuzo.

**FUNZELA ENZULWINI – SSM Mema**

Lishushu idabi kumathaf' obu bomi;
Kuqhum' amaqulo kuchachamb' umchiza;
Uxhob' ufohlel' umlisela nomthinjana,
Usilwa noSathana, usilwa nobumnyama.

Ayaxhaxh' amagwala, kuband' umchachazo.
Ubomi ngumzamo kosind' amakroti;
Ubomi ngumthwalo bufuna umqolo;
Umgomo um' umi ulind' umzingisi.

Ubomi lidabi lokulwa nomna;
Iyathimbis' inyama ayifuni kuthotyozwa,
Iying' ingaba lidini lokuzis' impumelelo,
Ayingi ingalinda ijonge inzaliseko.

Qina isibindi ukuze uphumelele.
Qul' uphethel' imini nobusuku bayo.
Qhekeza imichankcatho owele ngayo,
Ufunzel' enzulwini ungabuyi ngamva.

Mawuqaqambe umgomo phambi kwakho,
Uziqhiz' iimbophelelo ezikuqamangeleyo,
Uyibeke nxamny' imithwalo ekudobelelayo;
Ulubaleke ngomonde ugqats' olukumeleyo

Wofuman' abaninzi bengqengq' elungqamekweni,
Wofuman' iqela ligxampuz' emgxobhozweni.
Onke loo maqela akukhwebela kuwo;
Maz' ungawahoyi ufunzele enzulwini.

Ofun'igolide akaqhwayi emgqubeni,
Axel'isikhukukazi sifun'imibungu.
Ozingela izilo uthabatha izagweba,
Avuke kwangonyezi abuye nofele.
Oswele umgomo ufana nemfama,
Uyaphumputheka akhubeke awe;
Abe ngumqobo kwabahamba ngendlela,
Kulahleke naye inkitha yezimathi.
Qubul'isikrweqe ulw'ubemagazana,
Ubomi ngumgudu, wovuzwa wakubila.
Umhlab'uyahlaba awufuni nkenenkene.
Amandl'oba ngawakho wakufunzel'enzulwini.

Indlela ilucinya yaye ingumnqantsa;
Ifunyanwa ngamachule iint' eziwa ngamadolo,
Zicele amandla kuMenzi wento zonke.
Ongecala lakhe wofikelela enzulwini.

8.1.1 Caphula igama kumgca woku-1 elinentsingiselo yokuba ubomi kukulwa. (1)

8.1.2 Kutheni imbongi ikhankanya umlisela nomthinjana xa ithetha ngedabi lobomi? (2)

8.1.3 Chaza indlela imbongi eluveza ngayo uluvo lokuba ngabantu abangamakroti abaya kuphumelela ebomini ngokwesitanza sesi-2. (2)

8.1.4 Nika isizathu sokuba kuthiwe ubomi lidabi lokulwa 'nomna' kumqolo we-9. (2)

8.1.5 Xela into ibeNYE ethi imbongi ayifuni kwenziwa yinyama. (1)

8.1.6 Xela isixhobo sesandi esisetyenziswe kumqolo we-18 kwisitanza sesi-5. (1)

8.1.7 Chonga isifaniso esikumqolo wama-26 uze unike intsingiselo yaso. (2)

8.1.8 Chaza ukwahluka kumxholo wesitanza sesi-5 nowesitanza sesi-6. (2)

8.1.9 Loluphi udidi lombongo olu? Xhasa impendulo yakho. (3)

8.1.10 Unjani umoya wembongi kulo mbongo? Xhasa impendulo yakho. (2)

**KUNYE**

8.2 Funda isicatshulwa sombongo esilandelayo uze uphendule imibuzo.

**INTABA KANDODA – LS Ngcangata**

Ngxatsho-o-o-o-ke, mzi wasemaXhoseni!
Ngxatsho-o-o-o-ke, hlanga lwakwaluhlanga!
Ndithetha nani, zidwesha namagqiyakazi.
Ndibhekisa nakuni mlisela nomthinjana.

Yintaba kaNdoda intaba yeentaba.
Yintab' encoph' isondel' ezulwini.
Yintab' ezinyaswe ngamahlath' akwaHoho,
Inge ithozamel' ukuthandazel' imvula.

Kulapho kutsholoz' iintaka neenyamakazi,
Ngokungathi zidumis' uQamata ngesihomo;
Zimzukisa ngokudala le Ntaba kaNdoda;
Zibamba ngazibini ngobukho nobunjani bayo.

Sinelunda isizwe sikaXhosa ngale ntaba.
Yintab' esiya kuqhayisa ngayo ezizweni
Asinakuba manyonywana zisakuyikhankany' iintlanga,
Kuba yintab' engundoqo weembali zakwaRharhabe.

Ntabandini ukuba ubukhula ngendithetha ndophele.
Ndithi ngendityibela, ndityondyotha, ndityatyadula.
Ngendisithi khul' ud' ukhuluphale kodwa ungakhokhobi.
Ngendisithi khul' ud' ufike khon' ezulwini.

Uthumel' izijoli zize kusidlel' amathol' eendaba;
Zisibalisele ngezinto zalapho kwikhaya **lolangazelelo**;
Zisichazele ngezinto ezenzek' ezulwini;
Zisixelele ngamaXhos' ababalwe ngobomi baphakade.

8.2.1 Xela umsebenzi wegama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisitanza soku-1 kolu hlobo lombongo. (1)

8.2.2 Khetha ulwazi olungeyonyani ngokubhekiselele kulo mbongo kwezi:

A Intaba kaNdoda ingakwihlathi lakwa Hoho.
B Intaba kaNdoda ikwisizwe samaZulu.
C Intaba kaNdoda iphakamile kakhulu.
D Yintaba equlethe iimbali zakwaRharhabe. (1)

8.2.3 Nika ingcinga eziswa ngumqolo we-12 kwisitanza sesi-3. (2)

8.2.4 Chaza isakhiwo sangaphandle somqolo we-13 nowe-14. (2)

8.2.5 Luhlobo luni lophindaphindo olubonakala kumqolo we-19 nowama-20? (1)

8.2.6 Xela umsebenzi woshiyo sikhamiso kulo mbongo. (1)

8.2.7 Cacisa okuqulathwe sisitanza sesi-4. (2)

8.2.8 Xela umfanekiso-ngqondweni ofumaneka kumqolo wama-20 '... khul' ud' ufike khon' ezulwini' uze uchaze ukuba uphuhlisa ntoni. (2)

8.2.9 Nika isithetha-ntonye segama elibhalwe ngqindilili kumqolo wama-22 ngokomxholo wesitanza. (1)

8.2.10 Unika ntsingiselo ni umqolo wama-24? (2)

8.2.11 Myalezo mni odluliswa yimbongi kulo mbongo? (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**